

PULA IMVUILA

>> GROWING FOOD >> GROWING PEOPLE >> GROWING PROSPERITY >>



EYEKHALA
2018

Enye iNAMPO engummangaliso

Umoniso wezolimo obukekayo we-NAMPO waseGrain SA yiveki yentaphalala yamava amaninzi kangako okwahluka-hluka nekunzima ngenene ukuwashwankathela ngamazwi ambalwa!

Kulingene ukuthi ukuba unomda kwezolimo nakwitsheyini yexabiso lezolimo ufanele ukufumana amava okuzibonela ngokwakho osuku olunye obona buncinane (kungabhetele iiintsuku ezimbinil!) kwifama yeNAMPO ngaphandle kwe-Bothaville!

Esi sibhadllala somboniso siquka amashishini okufama ashiya-shiyana ngobukhulu – kanti naxa

ilusungulo IweGrain SA, awuphelelanga kwicandelo leenkozo kuphela –kukho into exabisekileyo enokubukwa nguye wonke ubani futhi ayifunde. Bonke abadlali-zindima ababalulekileyo kwicandelo loLimo baneendawo zabo kanti umoya ngowochulumanco, lixesha

lokubhiyozela iimpumelelo nenkqubela egcina ushishino lwethu luguqu-guquka kwaye lusemcimbini.

Kukho imboniso emangalisayo yezithuthi zasefama nezixhobo zokusebenza, izimvo zosungulo Iwezinto ezintsha nemiboniso 'yee-gizmo neyeeegajethi' ukususela kwezona zandi zincinane ukuya kwezona ntlobu zobuchwepheshe beyona mbewu intsha. Kukho nemuyiyam yeetrektra zodumo ezimangalisa abalimi abaninzi kuphinda kubekho nendawo etsala umda omkhulu 'weboerepatente' ebonisa ubukrelekrele babalimi kwimiyilo yabo nezicwangciso zabo zobunjinel.



Enye iNAMPO engummangaliso

UMAKHULU UJANE UTHI...

Lisoloko likhona ithuba lokuziphucula, akukhathaliseki ukuba kudala kangakanani ukwihishini'. – Oscar De La Hoya. Esi sicas-tshulwa siyinyaniso engenakuphikiswa njengoko sikubonile oku kumathuba ohambo lokuvavanya amabanga amathathu oKhutshiswano lomLimi woNyaka.

Kwiminyaka emibini edlulileyo, siye sakholelw ekubenii abalimi sebengamachule kangangokuba abanakuziphucula – besiphosisile kuba nangoku abalimi baphucuke ngakumbi! Ukuzaabalazela ukuziphucula yenyezinto ezibalekileyo ngokuba ngumntu – ngosuku ngalunye sinakho ukuphinda siqalise futhi senze izicwangciso zokuziphucula/zokusebenza phucukileyo/zokuba ngumsebenzi ophucukileyo/umzali ophucukileyo/FUTHI SIBE NGUMLIMI OPHUCUKILEYO.

Ubuchwepheshes banamhla bukwasincreda ekubenii sibe ngabalimi abaphucukileyo. Uhlobo lwembewu esinokuyithenga iphucuke kangangokuba xa sinokuyisebeniza ngobulumko singafumana izivuno esingakhange sikholelw ekubeni zinokufumaneka. Cinga ngokutshatalalisa kokhula – kwiminyaka embalwa edlulileyo, uninzi lwabalimi bethu babeluncothula ngezandla ukhula; beme elangeni emasimini besemba ukhula. Ngoku siyatshiza phambi kokutyalu nasemva kwako, siphinde kwakhona ngexesha lokukhula kwezityalo – kungabikho khula. Impucuko engako ukuba nkulu – malunga nesityalo ngokunjalo malunga nobomi bethu. Akusekho msebenzi osigqatsa elangeni!

Uninzi lwenu seluvela kwiNAMPO – owona mboniso mkhulu wolimo eAfrika. Siyathanda ukuya kwiNAMPO kuyo yonke iminyaka kuba siyakwazi ukubona zonke izinto ezintsha. Kusoloko kukho izixhobo zokusebenza ezitsha, iikhemikhali ezintsha, ubuchwepheshes obutsha kune nezimvo ezintsha. Nangona singenakho ukuba kwibanga elifanayo sonke, okufunekayo kukuba sihlale siziphucula, xa kunjalo sisebenza kakuhle. Kufuneka sizabalazele ukuya phambili – nokuba kukancinane.

Njengabalimi sihlala etherbeni kwaye sinendlela yoku-jonga phambili ekutyaleni isityalo esilandelayo. Siphinda sikholelw ekubeni isityalo esilandelayo siya kuba sihle. Asikunqweneli ukukubetha ngoyaba oko – ukuba uhlala unolawulo phezu kokhula lwakho, uthenga imbewu nesichumiso esilungileyo, ulima ngexesha elichanekileyo kwaye uyaqhoba ngokutshabalala ukhula – uya kufumana ithuba elihle lesityalo esihle ophupha ngaso.

Eliireshalokwenzaizicwangcisozexeshaelizayo–ukuba uyinxalenyeyJobs Fund, nceda qiniseka ukuba ufaka imali yakho ixesha liselihle ukuze sithumele iimveliso zamalungiselelo kuwe kuselithuba. Sisoloko sinethemba lokufumana iimvula ezikhawuleza zifike kanti aphoin khona sifuna ukulima kwangoko!

Sikunqwenelela okuhle ngexesha lakho lesivuno – si-kholelw ekubeni uya kufumana umvuzo omhle ngemigudu yakho yexesha elidlulileyo lokulima. Zincome futhi uzibulele ngegalelo lakho lokondla abantu bethu baseMzantsi Afrika. Ukuba ubungalimi, abantakwethu noodadewethu bebe-nasayi kuba nokutya. lintsikelelo mazihlale nawe!

Nangona ngokuqinisekileyo unika amava avula amehlo kubalimi, ukwayindlela yokuzikhupha kosapho njengoko zinanzi iindawo zemiboniso efanele amanenekazi, kuqukwa neenkubo zamanenekazi ezi-zele ziintetho ezitsala umdra kune nemiboniso ngokunjalo nabantwana bafekehethisa ngokuzikhethela kwimiboniso yeetrektrata etsala umdra xa bebuka nooTata kune nokudibana ngqo namahashe, iinkomo neegusha. Abafuyi bamahashe beza namagugu abo novuyo lweziwanyana kwiNAMPO ukuze basifundise ngemfuyo yabo abaykhulisayo babonise nangezilwanyana zabo ezhile.

Ngaphandle kwayo yonke into ebonwayo, eli lithuba elihle lokudibana nokunxibelelana nabanye abantu abacinga njengawe abatyla ubutyebi kweli candelo. La ngamathuba apho umntu anokufunda khona kwabanye abalimi okanye kubacebisi ahambe echola-chola ubukrelekrele bobuchopho beengcaphephe zodidi kwinkalo yabo malunga nemiba eqala ngamalungiselelo okulima nangomsebenzi wokulima ukuya kwimingeni yokujika-jika imveliso, ulondolozo lwayo nentengiso.

nabanye abadali beendima becazulula imiba eshukuxwa kule mihihale yitek' ibunzi. lingxoxo ezikhokelwa ziingcali zifumaneka kuyo yonke ivesi yeNAMPO kwindawo yomboniso weTV kanti iinkokeli zeGrain SA ezifana neCEO, uJannie de Villiers, zisoloko zingamalungu eengxoxo ezikhokelwa ziingcali.

Ndibe nenyhweba yokuya engxoxweni ebikhokelwa yingcali uRozanne McKenzie apho iinkokeli zeNkqubo yethu yase-Grain SA yoPhuhliso IwabaLimi, uMphathi uJane McPherson, kune noSekela-sihlalo weGrain SA uPreline Swart, bathethe ngendima yamabhinqa kwezelimo. UJane uthe: 'Asithandi kuziva ngathi amadoda asinyamezele kweli candelo, sifuna ukuba negalelo lobunkcuba-buchopho'. Uphinde waphawula ngokuthi sidinga isisombululo esiqqibeleleyo – ufilelelo kuncedo lwemali, kwizixhobo zokusebenza nakwiimveliso zamalungiselelo – ukuze sikhuthaze inxa-xheba yamanenekazi kweli candelo.

Enyanisweni, bobabini bathethe izinto ezibalekileyo malunga nophuhliso Iwabali limi kune nenguqoko kweli candelo.

Kusoloko kukho ingxolo ebangelwa yincoko eholweni yamaLungu eGrain SA, ekwamkelwa kuyo onke amalungu abalimi ukuze bafumane ikomityi yekofu okanye isiselio esibandayo baze bancokole neqela labaphathi kune nabacebisi baseGrain SA.

Kusoloko kuluvuyo ukudibana namalungu ethu ubuso ngobuso. Ukubonana nabalimi abanothando olushushu ngomsebenzi wabo kuyakhuthaza kwaye kusinika amandla okuqhube ngomsebenzi wenguqoko nophuhliso. Ngokwamazwi oMphathi weNkqubo wethu uJane McPherson: 'Ukuba besinokutshintsha indlela ezisebenza ngayo iingqondo zethu ukuze sifikelele kuye wonke umntu, amadoda nabafazi, abakhulu nabancinane singakha ilizwe elingummangaliso, asizi kuyekelela kwabezopolitiki, lilizwe lethu eli kwaye kusezandleni zethu ukwenza umahluko'.

Amava eNAMPO asikhuthaza ngokutsa ukuba sisoloko sizabalazela ubukho bokutya okwaneleyo emakhaya kune nenjongo yokugxotha indlala nokuthi siqhuba ngokufikelela ezandleni zabalimi abangummangaliso beenkozo baseMzantsi Afrika. Ngethemba lokuba siya kudibana NAWE kunya ozayo!

Nantsi imiyalezo yee-tweet ethunyelwe ngababukeli apho:

UJane uthe: Masicingeni
ngendlela eyakhayo malunga nemingeni esijongene nayo umzekelo: *Ukububa ukuba yintoni esinokuyenza, nangona abalimi bengenazo iithayitile zempahla – sifanele ukwenza izicwangciso kwaye sifanele ukutyalu ubutyebi EBANTWINI.*

What concerns me is how the government does things. They come to a point where they let go of the farmer's hand and don't look back.
– Preline Swart

I'm also concerned about our white boys out there. They feel so uncertain about their future.
– Preline Swart #NAMPO2018

Umngeni omkhulu kukuba wonke umntu ufuna ukuba nengeniso, kodwa asinguye wonke umntu ofuna ukuba ngumlimi.
– #JaneMcPherson
@gsafarmerdev

Usungulo olumangalisayo 'Isizwe esibambe iNcoko' luliqonga elibalulekileyo aphoi inkokeli zamacandelo, iingcali kwezoqoqosh, abalimi

Inqaku linikelwe nguJenny Mathews,
umbali kwiPula Imvula. Ngolwazi
oluthe vetshe, thumela i-imeyile aphajenjonmat@gmail.com.





YOMELEZA UKULINYWA KWEENKOZO NGEMIDUMBA

Abalimi abaninzi kwicandelo elisaphuhlayo baqaphele namhla ukuba imidumba, efa-na neembotyi zesoya, amandongomane, iimbotyi ezomileyo nee-ertyisi zemfuyo, zinakho ukuba negalelo elibanzi kwinkqubo yabo yokulima izityalo.

Akwaba ebenokuthi chatha amanani abalimi beenkozo abalubonayo uncedo olufumaneka kwezi zityalo lwenxaxheba ekuncitishisweni kweftuthe lemingcipheko nasekwandiseni isakhono sokufumaneka kwenzuzzo kwishishini lokufama. Izinto ezi-luncedo zinokuhlelwa ngendlela elandelayo:

Ixabiso lolwazi ngomhlaba

Ukwandisa ukuchuma komhlaba

Imidumba inakho ukuphucula ukuchuma komhlaba ngenxa yesakhono sayo esisodwa sokudibanisa initrogen esemoyeni nomhlaba. Initrogen iyinxalenyen enkuu yesiniki-bala esiluhlaza (i-chlorophyll), esibaluleke kakhlulu kwinkqubo yokwenziva koku-tya sisityalo (i-photosynthesis).

Kule nkqubo, kusetyenziswa ukukhanya kwelanga ukuguqula amanzi nomoya wesi-le (i-carbon dioxide) zibe kukutyu umzekelo iiswekile ezifana ne-glucose. Iswekile zibalule-kile ekukhuleni nasekupuhleni kwsityalo. I-nitrogen nayo iyinxalenyen enkuu yee-amino acid, zona eziziibloko zokwakha iiprotheyini. Akukho sityalo sinokuphila ngaphandle kweeprotheyini. Ukudibanisa initrogen esemoyeni nomhlaba kunciphisa isidingo sesichumiso seekhemikhali

ukuze umlimi akwazi ukuphepha iindleko ezi-ninzi zeemveliso zamalungiselelo.

Ukucutha izidalwa ezonakalisa izityalo kune nezifo

Kujikeleziso lwezityalo, ezi zityalo zinegalelo eknitishisweni kweelahleko ezbangelwa zizidalwa ezonakalisa izityalo nakwizifo. Apho kukho khona amandongomane, umzekelo, ajikeleziswa nombona ohlaselwe yiDiploida, yi-inoculum, amaqondo entsholongwane aya kuncipha ekuhambeni kwexesha, kuba intsholongwane leyo inokuhlasela umbona kuphela.

I-inoculum ziixalenye ezinosulelo lwezifo nezisindayo xa zikwintsalela yesityalo nasemhlaben. Ezi nxalenye ziyakwazi ukubangela izifo kwisityalo esilandelayo. Ujikeleziso Iwamandongomane (awangabo abamkeli) lukhokelela ekubeni intsholongwane ingabi naye umamkeli ofanelekileyo onokubangela usulelo ize iqhubele phambili, ukuze oko kubangele ukwetha kumaqondo e-inoculum. Isityalo esingengomamkeli ngokusesikweni, sinikela ngeemeko ezingafanelekanga zentsholongwane.

Ixabiso kwezoqoqosh

Ukwanda kwamathuba engeniso

Imidumba inakho ukwandisa amathuba engeniso. limbotti ekuthiwa ziisugar beans ezinamachokoza abomvu, umzekelo, zinakho ukuzuza amaxabiso emveliso angaphezu kwe-R12 000 ngetoni. Intengo yakweli lizwe yale mveliso ngoku ingaphezu kwezakhono zentengiso yeli lizwe. Umyinge

weembotyi ezomileyo ezilinywe eMzantsi Afrika kumaxesha okulima amahlanu adlulileyo umi kwintoni ezingama- 59 500. Xa kuthelekiswa nesetyenziswa kweli lizwe, intengo zitoni ezili-137 712, ngokucinisekileyo kubakho intsilelo yeeton ezingama-78 212 zeembotyi ezomileyo.

Iixa ezikhulu zeembotyi ezomileyo zithengwa ngaphandle ngonyaka ngamnye, ikakhulu eTshayina. Esi siqhelo sidala ithuba lokwanda ngokunjalo ngakumbi ngenjongo yophuhliso Iwabali mi abahlala kwiindawo ezifanele ukulinywa kwazo, ukuze bangene kwiindawo zentengiso.

Intsilelo yemveliso yeli lizwe idala ithuba lokwandisa ngokunjalo ngakumbi ngenjongo yophuhliso Iwabali mi abahlala kwiindawo ezifanele ukulinywa kwazo, ukuze bangene kwiindawo zentengiso.

Kunceda ngokuthintela imincipheko yokulima

Kwimeko yokulima eyaziwa ngemingcipheko epe-zulu, imidumba iphindia inike ithuba lokwahlu-hlu-ka. Ukutyalu izityalo ezahluka-hlu-ka banzi kuthetha ukwanda komngcipheko abakuwo abalimi malunga neemveliso zamalungiselelo, isivuno nengeniso elizweni elaziwa ngeemeko zalo eziguqu-guqukayo zokufama. Izityalo ezifana nee-ertyisi zemfuyo umzekelo, ziqhelaniswa neemeko ezinzima zokufama, zokukwazi ukukhupha ukutya naphantsi kweemeko ezirhabaxa zemozulu.

Ixabiso ngokwezondlo

Ixabiso eliphezulu lezondlo ezkwidumba laziwa kakuhle (**Itheyibile 1**). Ezi zityalo zingumthombo ogibeleleyo weprotheyini nemicu. Ngapezu koko, imidumba ingumthombo ofikelelekyo weprotheyini, iiithamin neetyuwa ngokunjalo ikwabonwa njengommeli oggibeleleyo wenyama. Itheyibile 1 inika isalathiso esicacileyo seziqulatho zeaprotheyini zezityalo ezithile xa kuthelekiswa nombona.

Itheyibile 1: Isiqualatho seprotheyini semidumba ethile xa sithelekiswa nesiqualatho seprotheyini esemboneni.

Isityalo	Isiqualatho seprotheyini eyomileyo embewini (%)
Amandongomane	24 - 26
liertyisi zemfuyo	22 - 24
limbotyi ezomileyo	17 - 22
Umbona	8 - 12

Umthombo: itheyibile zeMRC zesiqualatho sokutya



UMnu Johannes Simelane kwibloko emiliselwe kakuhle yeembotyi ekuthiwa zii-sugar beans. Ulime isityalo ngo-2013/2014 kwifama yakhe iMpembe, kwisithili saseBalfour, eMpumalanga.

UKULINYWA KWEMIDUMBA

Ukulinywa kwemidumba kwiimeko zomhlaba owomileyo eMzantsi Afrika

Nangona iimbotyi zesoya zalapha, iimbotyi ezomileyo, amandongomane kunye nee-ertyisi zemfuyo ziqhelaniswa ngokubanzi, zibonisa ukukhetha iimeko ezithile zomhlaba nezemozulu kanti zikhula kakuhle bhetele emihlabeni enzulu nengaxinaniswanga ngamanzi.

Umzekelo, iimbotyi ezomileyo azikhuli kakuhle eLimpopo ngenxa yamaqondo aphezulu obushushu aqheleke ngexesha lasehlotyeni (esiphakathini kuNovemba ukuya esiphakathini kuMatshi), kanti amandongomane awakhuli kakuhle e-Ermelo, eMpumalanga kuba amaqondo obushushu aphantsi kakhulu, iimini zimfutshane kakhulu kanti ukufuma kuphezulu kakhulu.

Qaphela ukuba iimbotyi ezomileyo zikhula ngempumelelo eLimpopo, nangona kunjalo, kuphela phantsi konkenccesho ngeenya ngebususika kwindawo ezingenaqbaka.

Itheyibile 2 inika iinkukucha ngeembotyi zesoya, amandongomane neembotyi ezomileyo, ibonisa neemeiko zokulima ezikhula kakuhle kuzo ezi zityalo.

Kwisyalo ngasinye somdumba, nangona kunjalo, kukho iintloblo-ntloblo (imihlanganiselwa) ekhoyo. Umhlanganiselwa ngamnye uneempawu zawo ezithile eziwenza ukuba uziqhelanise phucukileyo nangendlela efaneleke ngakumbi kwindawo ezithile zokulima. I-ARC-Grain Crops iquhuba inkubo ehlanganiselweyo yovavanyo



Iqela lolutsha entsimini yee-ertyisi zemfuyo eNokaneng kwindawo eseemntla-ntshona yaseMpumalanga (kwixesha lembalela ngo-2010/2011). Umbona utsala nzima ngasemva kodwa isityalo see-ertyisi zemfuyo siqhuba kakuhle naxa kubalele.

Iwemihlanganiselwa malunga nokuziqhelanisa kwayo kunye neempawu ezahluka-hlkileyo ngokuphathelele kwindawo ekulinywa kuzo. Ngethuba lenkubo yovavanyo, iyachongwa imihlanganiselwa efumana isivuno esibalaseleyo ngokunjalo nomgangatho ophezulu kwindawo ethile ngokwesiphaluka esithile ngokwezelizwe.

Ezi nkukucha, zipapashwa ngonyaka ngamnye, kwincwadana elicwecwe (iingcebiso ngemihlanganiselwa) kwaye zingafunyanwa, simahla,

apha Private Bag X1251, Potchefstroom, 2521, (Tel: 018 299 6100).

limfuneko zembewu nezhokhelo zokutyala

Itheyibile 3 inika amanani ezityalo, uqeletwaniso lwembewu emqolweni, amanani okanye isixa sembewu ngehektare esicityiswayo ngokunjalo neendleko zembewu zeembotyi zesoya, amandongomane, iimbotyi ezomileyo kunye

Itheyibile 2: limfuneko zomhlaba, iindawo ezifanele ukulinywa nemihla eyiyona ifanelekileyo yokutyalia iimbotyi zesoya, amandongomane neembotyi ezomileyo. (Ilungiswe ukususela: kwi-Trends in the Agricultural Sector 2016, DAFF).

Isityalo	limfuneko zomhlaba	Igalelo lemveliso ngephondo ngo-2016*	Elona thuba lifanelekileyo lokutyalia
limbotyi zesoya	Uvunduvunu olunesanti ukuya kudongwe oluneSanti (15% - 50% Udongwe)	eMpumalanga – 47,7% eMpuma Free State – 34,6% KwaZulu-Natal – 5,8%	lindawo ezingaqqithisanga (eMntla Ntshona) Esiphakathini kuNovemba - esiphakathini kuDisemba lindawo ezibandayo (eMpuma Free State, kwindawo eziempuma eMpumalanga) Ekupheleni-kuOkthobha - ekupheleni kuNovemba
Amandongomane	Isanti enovunduvunu/Uvunduvunu olunesanti (10% - 20% Clay)	UMntla Ntshona – 42,0% UMntla Free State – 28,8% UMntla Koloni – 22,1%	Esiphakathini kuOkthobha - esiphakathini kuNovemba
limbotyi ezomileyo (limbotyi zee-sugar beans: Ixesha lokulima leentsuku ezili-109 -121)	Uvunduvunu olunesanti/Uvunduvunu olunodongwe nesanti (15% - 35% yodongwe)	eMpuma Free State – 48,0% eMpumalanga – 16,9% eLimpopo – 10,6%	Esiphakathini kuNovemba - ekupheleni kukaDisemba

*Igalelo ngephondo – ngokusekwa ekukhetheni kwabalimi izityalo eziyifanele kakhulu indawo ethile

Itheyibile 3: limfuneko zembewu ngehektare kunye neendleko zembewu yeembotyi zesoya, iimbotyi ezomileyo kunye nee-ertyisi zemfuyo phantsi kweemeko zomhlaba owomileyo.

Isityalo	Amanani ezityalo (izityalo/ngehektare)	Uqeletwaniso lwembewu emqolweni ngobubanzi bama-900 mm	Inani lembewu/ngemitha	Isixa sembewu (kg/ha)	Umyinge weendleko zembewu/25 kg (R)	Umyinge weendleko zembewu/ngehektare (R)
limbotyi zesoya	300 000	35 mm	28	65	850	2 210
Amandongomane	80 000 - 100 000	90 mm	11	60	700	1 680
limbotyi ezomileyo (ii-sugar bean)	130 000 - 145 000	75 mm	12 - 13	60 - 65	1 225	3 307
lirtyisi zemfuyo ezithe nkqo/Ezithubelezayo	122 000	90 mm	11	15	750	450
	88 000	125 mm	8	10	750	300



Yomeleza ukulinywa kweenkozo ngemidumba

Itheyibhile 4: lntlolo zogonyo ezipuhliselwe imidumba ethile.

Umdumba	Ugonyo olulodwa olufakwayo	Umnombro osebenzayo webhaktiriya
Imbotyi yesoya	Ugonyo lwembotyi yesoya (WB74)	<i>Bradyrhizobium japonicum</i>
Amandongomane	Ugonyo lweqela lamandongomane nee-Ertysi zeMfuyo (XS21 iqela A)	<i>Bradyrhizobium sp. (vigna)</i>
lirtyisi zemfuyo	Ugonyo lweqela lamandongomane nee-Ertysi zeMfuyo (XS21 iqela B)	<i>Bradyrhizobium sp. (vigna)</i>
limbotyi ezomileyo	Ugonyo lweembotyi (UD5)	<i>Rhizobium leguminosarum biovar phaseoli</i>

Umthombo: Stimulant

nee-ertyisi zemfuyo. Malunga neminye imidumba, umzekelo, imbewu yeembotyi ezomileyo seyineendleko eziphezulu kakhulu zeemveliso zamalungiselelo.

Ngenxa yeendleko eziphezulu zembewu, ukwenza ucwangcisel0 lwenkubo yokulima kune nesixa esithile sembwu, ngoko ke ngumba obalulekileyo ekumiliseleni imidumba (Malunga neembotyi ezomileyo, iidleko zeembotyi ezizodwa zingama 38% zeendleko zeemveliso zamalungiselelo. Jonga **iTheyibhile 5**).

Ngaphaya koko, ngaphandle koqeletwaniso olufalelekileyo, ubunzulu bokutalya (phakahi krama-20 mm nama-50 mm obunzulu buxhomekeke ekufumeni komhlaba nakwisiqualatho sodongwe) nabo bubalulekile ekuqinisekisweni kokuntshula kwaxeshanye. Ngelishwa, iinkqubo ezinganelanga zoomatshini ezisetyenziswa ngoku kwicandelo lophuhliso eMzantsi Afrika zibangela umngeni omkhulu.

Ukungabikho kwezixhobo zokutyal a ezi-fanelekileyo, ezinokuqhelanisa nokutyal a isityalo ngokokushinyana kwezityalo nobunzulu obufunekayo, ngumba owenza kubo nzima kwabanye abalimi ukuba babambelele kumanani ezityalo ngokweengcebiso.

Ukuchunyiswa kwemidumba

Imidumba izizityalo ezifanelwe kukuqkwa kwinkqubo yojikeleziso lwezityalo kwifama yakho.

Njengoko besekuxeliwe, imidumba ineskhone sokudibanisa initrogen (N) yayo emhlaben, ukuze oko kunciphise isidingo sesichumiso esiyikhemikhali. Ineskhone sayo yodwa, ngokubenzisana nentsholongwane yeRhizobium, sokudibanisa initrogen esemoyeni nomhlaba ukuze izityalo ezilandelayo ziyifumane.

Ezi mpawu zenza ukuba imidumba ibe zizityalo ezizezona zifanele ukuqkwa kwiinkqubo zojikele-ziso lwezityalo. Phambi kokutyal a, imidumba ifanele ukugonya ngokunyangwa kwembewu. Qaphela: Amayenza okugonya apakishwa kwizingxotyana eziqulethe izidalwananana ezigcinwe kwisikhongozelo ukuze kunyangwe ngazo imbewu.

Ixabiso lokugonya kukuba ugonyo lwenza ukuba isityalo sidibane kakuhle nenitrogen ngeendleko eziphantsi. Njengoko bekubonisiwe kwiTheyibhile 4, ugonyo lufanele ukukhethelwa

isityalo esithile kuphela. Malunga neembotyi zesoya, akukho gonyo oluva kubangela amaqando aphantsi e-N efumaneka kwisityalo, ukuze izivuno zibe phantsi, ngaphandle kokuba ku-fakwe isichumiso esingena-nitrogen, seendleko eziphezulu.

Amayenza ogonyo makakhethelwe kwaye asetyenzeriswe kwisityalo esithile kuphela njengoko kusalathwa kwitheyibhile.

Malunga nee-ertyisi zemfuyo, izidalwanana zeengcambu ezibangela ukudibana kwe-N no-mhlaba zifumaneka emihlabeni yaseMzantsi Afrika. Ngenxa yale meko, izinto eziluncedo ngokoqoqosh0 ngokugonywa kwee-ertyisi zemfuyo zisathandabuzeka.

Abalimi abarhweba ngeembotyi ezomileyo ba-kholisa ukungayigony imbewu yabo kanti kumaxa amaninzi banamathela kwiingcebiso zamagosa ezi-chumiso (jonga **iTheyibhile 5**). Njengenyi indlela, abanye abalimi beembotyi ezomileyo, nangona kunjalo basebenzisa *Rhizobium leguminosarum* (**iTheyibhile 4**) baze baufumane iziphumo ezi-fanelekileyo. Ngokoqoqosh0 ixabiso lokugonya nokudityanisa kwe-N ekulinyweni kweembotyi ezomileyo lifanele, nakubeni kunjalo, ukuphandwa ngakumbi.

Yonke imihlaba yaseMzantsi Afrika ngokwendalo iphantsi nge-phosphorus (P), kwaye ingakhwa kuphela ngokulinywa kwezityalo zorhwebo



UNksk Beauty Skhosana ubonisa isivuno sakhe seembotyi ezomileyo kwifama yakhe iUthembe-kile ngaseBalfour. Ufumene isivuno seetoni ezi-1,55 ngehektare waze wawuna isixa esipheleleyo seetoni ezingama-35,6 ngo-2014.

kwinkqubo yokolula. Nangona imidumba ikhula kakuhlekwintsalelaye-P, amanqanaba asemhlabeni aphi ikhula khona, afanele ukuba ngama-25 mg/kg obona buncinane (BRAY 1). Kumanqanaba e-P e-15 mg/kg okanye angaphantsi kulawo, kufanele ukuphunyeza inkqubo ejoliswe ekwakheni i-P, ukuze kuphculwe imihlaba elungiselele ukulinywa kwemidumba.

Imbotyi zesoya ziyakwazi ukusebenzisa iintsa-lela ze-potassium (K) emihlabeni ngokunjalo. Ngokubanzi, imidumba kungalindeleka ukuba ibonise unqongophalo lwe-K emihlabeni aphi inganeno khona kwi-60 mg/kg i-K. Yiloo nto, imidumba etyalwe emihlabeni enamaqondo aphantsi e-K ivuseleleka xa kufakwa isichumiso se-K.

Ngokubanzi, imidumba ingabonisa unqongophalo lwe-K kwimihlaba enganeno kwi-60 mg/kg K. Imbewu yemidumba elinywe emihlabeni enamaqondo aphantsi e-K ikhula kakuhle xa kufakwa isichumiso se-K.

Itheyibhile 5: lindleko ezingqalileyo zokulinywa ngokwahluka-hluka kweembotyi ezomileyo (ii-sugar beans).

Imveliso yamalungiselelo	Imfuneko	Isixa/ngehektare	Ixabiso lomli-nganiselo (R)	lindleko (R/ngehektare)
Imbewu	RS6	65 kg	1 225/25 kg	3 185
Ukusetyenziswa koomatshini	Idizili & nokukhanda	-	-	1 045
Isichumiso	3:2:1` (32)	200 kg	313/50 kg bag	1 252
Isitshabalalisi sokhula	Bateleur iGolide	1,5 litre	2 038/5 litre	611
Ulawulo lwezifo (Umaleko wembewu)	Celest XL & Apron XL	81 ml 7 ml	625/1 litre 1 398/250 ml	51 39
Unyango – UKurusa kweembotyi	Sparta plus	500 ml	1 298/5 litre	130
Unyango – I-Anthracnose	Amistar Top	500 ml	4 576/5 litre	457
Abasebenzi	Abasebenzi bethutyana	-	-	1 560
Zizonke				8 330

UKULINYWA KWEMIDUMBA

Itheyibhile 6: Isivuno sesiqhelo namaxabiso abalimi afunyenwe ngombona, ngeembotyi zesoya, ngamandongomane nangeembotyi ezomileyo ngo-2013/2014 to 2015/2016 (llungiswe ukususela: kwi-Trends in the Agricultural Sector 2016, DAFF).

Isityalo	Isivuno seSizwe sesiQhelo ngo-2011/2012 ukuya ngo-2015/2016 (iitoni/ngehektare)	Ixabiso labalimi ngexesha lokulima ngokweRandi/iitoni*		
		2013/2014	2014/2015	2015/2016
Umbona	4,33	2 626	2 379	3 529
limbotyi zesoya	1,55	5 549	4 732	6 217
Amandongomane	1,10	8 756	8 234	7 582
limbotyi ezomileyo	1,03	12 277	10 957	12 965

*Ingeniso ixhomekeke kudidi lwemveliso nakumabanga ahluka-hlukileyo. Amaxabiso amandongomane, umzekelo, aya kwahluka kakhulu phakathi kohlobo, umgangatho namabanga okucumza



Abalimi ePuleng eLimpopo banenyhweba yamandongomane ahluka-hlukileyo kuavanyo lohlalutyo lokwahluka-hlukanisa efama.

Malunga namandongomane, umzekelo, i-calcium (Ca) isisondlo esibalulekileyo esincinanana esibangela ukukhula kokhozo nesivuno esihle. Ukuze kufumaneka iCa eyaneleyo, ukufunxeka kwe-Ca kuphinda kwenzeke ngqo kwemidumba.

Xa isampulu yomhlaba ibonisa i-Ca encinane, aphi kungafuneki khona ukufakwa kwekalika yokulungisa imeko, i-Ca ingafakwa njenge-gypsum

(200 kg/ha - 300 kg/ha) ukuze kubonakale igalelo elibalulekileyo elandisa isivuno samandongomane.

Lindleko zokulima limbotyi ezomileyo

Itheyibhile 5 ibonisa umzekelo weendleko ezahluka-hlukayo ezithwalwa ngabalimi beembotyi ezomileyo. lindleko ezipheleleyo ezahluka-hlukayo zeR8 330/ngehektare zibonisa imfuno yolawulo olufanelekileyo lwsityalo, noluya kuphinda

lusebenziseke kwemidumba efana neembotyi zesoya namandongomane.

Isakhono sesivuno kanye nexabiso loqoqosho lwemidumba

Itheyibhile 6 ibonisa izivuno zesizwe ezisisi-qhelo kanye nengeniso efunyenwe ngombona, iimbotyi zesoya, amandongomane kanye neembotyi ezomileyo ngabalimi ngo-2013/2014 ukuya ngo-2015/2016.

Isivuno semidumba xa kuthelekisa nesivuno esifumaneka emboneni sithande ukuba phantsi (Itheyibhile 6). Nangona kunjalo, amaxabiso afunywe ngezi mveliso xa kuthelekisa nexabiso lentuthuzelo lombona ngesivuno esiphantsi.

Esinye isinciphiso sexabiso lombona ngo-Oktobha 2017 (R1 871/ngetoni – eSafeX), sibonisa ukuba ukulinya kwemidumba lilinye icala ekunokuxhanyulwa kulo. Ukufakwa kwemidumba kwinkqubo eseyikho yokulinya kwezityalo nako kunika ithuba lokwahluka-hlukanisa inkqubo yokulinya kwezityalo nokuncitshiswa kwemingcipheko malunga neemveliso zamalungiselelo, isivuno nengeniso. Umzekelo, ngolawulo olulunglelo lwsityalo seembotyi ezomileyo (ii-sugar beans), kunokufumaneka isivuno setoni e-1 enesiqingatha (1,5) iitoni ngehektare.

Masicingele ekubeni ingeniso engange-R12 000 ngetoni obona buncinane inokufumaneka. Njengoko iindleko eziithe ngqo zokwahluka-hlukayo zingange-R8 330 (Itheyibhile 5), umda wenzuso wesi sityalo usenokuba yi-1.5 ngetoni ngehetare x R12 000 = R18 000 – R8 330 = R9 670/ngehektare. Ngenxa yale ngeniso inqwenelekayo, ukubhenela kokunye okufana neembotyi ezomileyo kuthetha ithuba lengeniso elifanelekileyo ngexesha lamaxabiso aphantsi ombona.

Ukufaka kwemidumba kwinkqubo yokulinya kwezityalo eseyikhona kukwanika ithuba lokwahluka-hlukanisa inkqubo yokulinya kwezityalo ukuze ngokwenza njalo, kunciphe imingcipheko malunga neemveliso zamalungiselelo, isivuno nengeniso.

Inqaku linikelwe nguAPN du Toit, waseARC-Grain Crops, ePotchefstroom. Ngolwazi olithe vetshe, thumela i-imeyili apha dutoitp@arc.agric.za.



Pula Imvula's Quote of the Month

*There is always space for improvement,
no matter how long you've been in the business.*

~ Oscar De La Hoya



Dibana nabatyunjwa bethu BANGO- 2018 BOMLIMI WONYAKA (Icandelo 1)

Sekuphinde kwafika elo xesha lonyaka lemincili lokuchongwa kwabatyunjwa bango-2018 bokhutshiswano lomLimi woNyaka IwaseGrain SA.

Makusoloko kukhunjulwa ukuba injongo esentloko yolu khutshiswano asikokuggwesa kuphela, kodwa kukubhiyozela ukufunda, ukukhula, ukuphula nokusebenza nzima kwamawaka abalimi kwiNkqubo yaseGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi.

Lujoliswe ekuben iusebenze yintsika yenku-thazo nemvuselelo kuthi sonke ukuze siqhube ngokusebenzela ukuziphucula ngokuphumeza iinjongo zethu, kungakhathaliseki ukuba ziphakame kanganani na.

Injongo yakho mayingaze ibe kuku-tyunjwa okanye kukuwina nantoni na, kodwa maybe kukukhula kwemihla ngemihla, kwenyanga nganye nangonyaka ngamnye uye ngokusondela kufikelelo kwi-

zivuno ezithile, kwisakhono senzuso, ingqibelelo okanye nokuba zeziphi na iinjongo ozimisele zona wena nosapho lwakho. Ekugqibeleni, oko kukuphumelela elugqatsweni!

Ukuba utyunjiwe kolu khutshiswano, ikhona into oyenza kakuhle futhi ungumzekelo omhle kwabanye malunga nento abanokuyizuza. Njengoko sekutshiwo, sinqwenela ukukwazisa ngabatyunjwa bango-2018 bomLimi woNyaka!

Abatyunjwa bethu ngaba...





Abatyunjwa bomLimi olimela ukuziphilisa



UNdlalankulu Jona Zungu

UNdlalankulu wazalwa ngo-1948 kwisiphalu ka saseMatshana kufuphi naseWakkerstroom. Ukhulele kwifama iOgiesfontein kufuphi naseWakkerstroom. Umdla kaNdlalankulu emsebenzini wokufama waqala esemncinane encedisa uyise efama ngokulima nangokuvuna umbona wabo.

Nangona ebosoloko esebezena eGauteng nakkewinye iindawo, ubuyele ekhaya ngo-2007 waze wenza ilinge lokulima ngethemba lokufumana umbona owaneleyo wekhaya lakhe. Emva kokuzibandakanya neGrain SA ukwazile ukuba nokutya okwanele yena Wade wanombona awuthengisela ukufumana ingeniso.



UNcamisile Liphine Mdluli

Uncamisile wazalwa eSwaziland nguAgnes noAlfred Hlophe ngo-mhla wama-29 kuJanyuari ngo-1958. Utshatele kuNorman Mdluli kwaye banabantwana abathandathu kanti abane babo ngamantombazana ababini babe ngamakhwenkwe.

Uthando lwakhe lolimo luhuhle esemncinane kakhulu njengoko ebekholisa ukunceda abazali bakhe xa belima futhi naye esenza imisebenzi ethile eyahluka-hlukeneyo elali yabo. UNcamisile ungene kwiGrainSA ngokusesikweni kuJulayi ngo-2016, kodwa phambi koko ebesiya kwiintlanganiso ezithile zamaqela ofundonzulu njengoko ebenomdlia kwinto ebisenze kaentsimini yolimo. Eli nenekazi elisebenza nzima kangaka liya qho ezintlanganisweni futhi libe nenxaxheba kwaye umcebisi walo ulincoma ngokukhuthala kwalo ekwenzeni into eliyifundileyo.



UAnderson Cetywayo Magidela

UAnderson ngumhlali osisigxina kwilokishi yaseKhanyayo kwaye wazalelwapho ngomhla wama-28 kuJuni ngo-1934. Waqaliswa ngokufama kudala, kodwa ngoko wayengenamcebisi wokumbonisa imigaqo echanekileyo yolimo. Waba lilungu leGrain SA waze waqaliswa ukufunda izinto ezininzi ngokufama.

Ngaphandle kokuba ngumlimi uphinde wafunda indlela yokulondoloza umhlaba ukuze isakhiwo sawo singaceketeki. Ngelishwa, abantu abaninzi, ngakumbi abo bangenanyhweba yokuba nabacebisi abawulondolozi kakuhle umhlaba wabo. UAnderson unegugu ngokuba yinxale-nye yeGrain SA kwaye unethemba elikhulu kwixesha elizayo.

Dibana nabatyunjwa bethu bango-2018 bomLimi woNyaka (Icandelo 1)



UThembie Linah Shongwe

UThembie wazalwa ngomhla wama-20 kuJuni ngo-1966 eSwaziland kwisiphaluka saseManzini. Waba nomdlala kwezolimo eseyintombazana encinane ebona abazali bakhe besebenza emasimini belima izityalo ezahluka-hlukileyo ukuze babe nokutya kokondla usapho.

Umdla wakhe kulimo wande emva kokuzibanda-kanya neGrain SA. UThembie ugale ngokulima umbona ngo-2009, kodwa wayefumana isivuno esincinane kakhulu. Ngo-2014 wangena kwiqela lofundonzulu laseGrain SA eBreyten. Kuye elo nyathelo lamvula amehlo kuba kulapho wakwaziyo khona ukufumana izakhono zobuchule bukfama ezibalulekileyo.

Kunyaka ophelileyo uvune iitoni ezi-5,3 kwaye ngoku ujunge phambili ekuphuculeni eso sivuno. Unephupha lokuba ngumnnini womhlaba apho anokulima izityalo eziza kumphilisa futhi aphinde akwazi ukuthengisa imveliso ngokunjalo aphinde ngenye imini abe ngumlimi onolondolozenko.



UJeneth Thembisile Shoba

UJeneth wazalwa ngomhla wesi-5 kuEpreli ngo-1915 eZandspruit phakathi kwe-Ermelo nePiet Retief. Waqala ukuba nomdlala kwezolimo esemncinane njengoko abazali bakhe babesebenza efama. Kwacaca kuye ukuba akunakubakho bomi ngaphandle kolimo.

Waqala ngokulima umbona nangokufuya iinkomo nomyeni wakhe uSimon ovalandulela eli ngo-1994. UJeneth waqalis eGrain SA ngo-2014 waze wonwabela umsebenzi wokufama akuba elilungu leqela lofundonzulu laseGrain SA. Ngokuncedwa yiGrain SA ufumene izakhono zobuchule nolwazi ngokufama ngendlela yobungcali nenenzuso ngakumbi. Kwithuba elidlulileyo lokulima, uJeneth wa-kwazi ukuvuna iitoni ezisi-7,5 zombona okokuqala kwihekture e-e.



UVictor Bumisani Nelson Dube

UVictor wazalwa ngomhla we-19 kuSeptemba ngo-1960 waze wakhulela eDukuza eBergville, Kwa-Zulu-Natal. Waqalis eGrain SA ngo-2000 waze wangena kwiGrain SA ngo-2009, esiya ezintlanganisweni zoqequeso, ezamaqela ofundonzulu kanti ngonyaka ka-2014/2015 waba yinxalenyeprojekthi yophando Iwe-Monsanto/ARC. Ukususela ngoko ebesoloko ezibandakanya kwiProjekthi yeJobs Fund.

Umnqweno kaVictor kukuba ngumlimi orhwebayo. Uqwalasele imiba eliqela yokuphucula isakhono senzuko sakhe ukususela ekulimeni umbona wamaqhashu ukuya ekongezeni ixabiso njengokwenza umbona ongquishiweyo. Imifuno neziqhamo nazo ziyingalenyeprojekthi yemisebenzi yakhe yokufama.



UAlfred Magongo

UAlfred wazalelwaa eMooiplaas waze wakhulela khona kufuphi nelali yase-Elukwatini ngo-1958. Uyise wayengumlimi elima umbona, amandongomane namabhatata. Imali ayifumene ekulimeni ibimnceda ekukhuliseni usapho lwakhe. Ngo-1983 waqalis ukufama ngokuzimela elima umbona nezinye izityalo ezifana namabhatata kune nemifuno ngokunjalo esebeenzisa iinkomo ekulimeni amasimi emihlabo elimekayo.

Ngoku UAlfred ulima umbona kwaye kulo nyaka ulime iihektare ezisi-7. Ngumlimi onenkqubela kakhulu nobe negalelo elithe kratya eliphuma epokothweni yakhe ngonyaka ngamnye phantsi kweNkqubo yeJobs Fund. Kunyaka ophelileyo ufumene umyinge weeton iezisi-6 ngehektare kwiihekture ezisi-7 ebezilimile.


UMLIMI WONYAKA



UThenjiwe Mirriam Ngudle

U Thenjiwe wazalelwa kwiLokishi yase-Qolombana kwisiThili sakuTsolo ngomhla woku-1 kuEpreli ngo-1961. Ukhule esebezena emasimini ombona, elima ngeenkabi phambi kokuya esikolweni kunye nabantakwabo kanti kulapho apho waphuhla khona umdla kulimo.

Ukususela ngo-1982, uThenjiwe ebengumhlohi esikolweni samaBanga aPhantsi iNgubesizwe kwisiThili sakuQumbu waze ngo-2012 wanyuselwa kwisikhundla sobunqununu besikolo. Lomlimi osebenza nzima kangaka ukwazile ukufumana izivuno ezhile zodidi oluphezulu. Uzibandakanye neGrain SA njengeliney lamalungu eQela loFundonzulu iSityala Sitye Kambi.



USiyavuya Njeya

U Siyavuya wazalelwa kwilokishi yase-Ntlozelo elalini yaseMbizana ephantsi kolawulo lweNikhwe. Ukhule aphi ekunye nosapho Iwakhe nalapho asahlala khona. USiyavuya uvela kusapho olwenza umsebenzi wokufama kwaye ukhule esalusiza izilwanyana zosapho Iwakhe kunye nabantwana bakowabo wade walishiya ikhaya esiya kusebenza eWelkom kwiphondo laseFree State.

Unomdla ongazenzisyo ekufuyeni nasekulimeni ngokuncedisa yiGrain SA kwaye unesakhono esinzulu sokulima umbona othe kratya, ukufikelela phakathi kweetoni ezi-5 ngehektare ukuya kwezisi-7 ngehektare. Ngoku uSiyavuya ulime iihektare ezi-2 zombona.



UMgezeni Richard Hlatswayo

U Mgezeni wazalelwa kufuphi naseDirksdorp kwifama yaseTwyfelhoek ngo-1951. Ngowesithathu ebantwaneni abalishumi elinesibini. Umdla wakhe kwezolimo uqale ese-mncinane xa encedisa utata wakhe ukulima emasimini ngokusebenzia iinkabi. Kukwalapho aphi kwaqaliswa khona uthando lomhlaba. UMgezeni ukwanawo nomdla ekufuyeni nasekulimeni izityalo.

Ngoncedo IweGrain SA, unesakhono esikhulu sokulima umbona othe kratya njengoko siphucukile isakhono sakhe ukususela ekulimeni ihektare e-1 ukuya kwihektare ezi-3 azilima ngoku. Kwixehsha elizayo uMgezeni unqwenela ukulima umbona othe kratya.



UAmos Mfaniseni Kubheka

U Amos wazalwa ngomhla we-18 ku-Disemba ngo-1955 ePaul Pietersburg. Uphuhle umdla kwezolimo kuba wayesenza umsebenzi wokufama notatomkhulu wakhe waze waqala wabona ukuba ukuze aphile futhi alondoloze usapho Iwakhe, makabe ngumlimi. Utatomkhulu wakhe wayefuyile futhi elima izityalo zokufaka imali eyikheshi ngokunjalio wamfundisa nendlela yokulima ngokufanekileyo ukuze afumane izivuno ezhile.

Ngo-2004 kwade kwango-2008 ungene kwiqela lofundonzulu laseGrain SA eliseOshoek. Waphinda wangena kwiqela lofundonzulu laseGrain SA ngo-2014 akuba ebonile ukuba akazi kukwazi ukuphucula imisebenzi yakhe yokufama ngaphandle koncedo IwaseGrain SA kunye nezakhono zobuchule azifunde khona.

Iqela labahleli

GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

46 Louw Wepener Street
1st Floor
Dan Pienaar
Bloemfontein
9301
► 08600 47246 ◀
► Fax: 051 430 7574 ◀ www.grainsa.co.za

UMHLELI OYINTLOKO

Jane McPherson
► 082 854 7171 ◀ jane@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWAABALELI

Liana Stroebel
► 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za

UYILO, UBUME NOSHICILELO

Infoworks
► 018 468 2716 ◀ www.infoworks.biz



PULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa,
IsiNgesi, IsiBhulu, iSeTswana,
iSesotho, iSesotho sa Leboa nesi IsiZulu.

INkqubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

ABAQUQUZELELI BOPHUHLISO

Johan Kriel
Free State (Ladybrand)
► 079 497 4294 ◀ johank@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 051 924 1099 ◀ Dimakatso Nyambose

Jerry Mithombothi

Mpumalanga (Nelspruit)
► 084 604 0549 ◀ jerry@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 013 755 4575 ◀ Emelda Mogane

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
► 082 354 5749 ◀ jurie@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 034 907 5040 ◀ Sydwell Nkosi

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)
► 082 650 9315 ◀ dundee@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8069 ◀ Nkosinathi Mazibuko

Luke Collier

EMpuma-Koloni (Kokstad)
► 083 730 9408 ◀ goshenfarming@gmail.com
► e-Ofisini: 039 727 5749 ◀ Luthando Diko

Liana Stroebel

ENTshona-Koloni (Paarl)
► 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8057 ◀ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)
► 082 877 6749 ◀ dutoit@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8038 ◀ Lebo Mogatlanyane

Sinelizwi Fakade

Mihatha
► 071 519 4192 ◀ sinelizwifakade@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8077 ◀ Cwayita Mpotyi

Articles written by independent writers
are the views of the writer and not of Grain SA.

Dibana nabatyunjwa bethu bango-2018 bomLimi woNyaka (Icandelo 1)

Abatyunjwa bomLimi oRhweba kaNcinane



UNhlanhla Sicelo Mgadi

UNhlanhla wazalwa nguMuriel noAron Mgadi ngomhla wama-3 kuEpreli ngo-1970 kwilali yaseNtabamhlophe e-Estdcourt. Wangena kwiGrain SA ngo-2015 emva kokubona umbona omhle nosempilweni kaMnumzana Mbatha, ummelwane wakhe obeselelilungu leGrain SA. Bekungekho nkuthazo iyene ayidingayo waze wangenya kwiGrain SA futhi zange ajonge emva.

Ukuba ngumlimi orhwebayo liphupha lika-Nhlanhla kanti yena nomntakwabo, bathe chu ukusebenzela ukwakha isakhono sakho sokufama kune nezixhobo zokusebenza. Bafunde nzima ukuphumeza abakufundileyo. Impucuko ayikhange ibe kwiihektare nakwizivuno kuphela, kodwa ikhona nasemisebenzini yolimo nengqibelelo.

Aba batyunjwa abadweliswanga
ngolandelelwano oluthile.



UMduduza David Mnisi

UMduduza wazalwa ngo-1986 eBreyten kwifama iBankfontein. Ukhulele apho waze ngo-2010 waqalisa ukusebenza kwifama yakhe. Ukubona oku njengendlela yokuziqesha neyokuzikhupha kwintswelo.

UMduduza ufama phantsi kokhokelo neengcebiso zommelwane wakhe, uCorne Butter, kanti bobabini baenza kune zonke izicwangciso. Kwiminyaka emithathu edlili-leyo, uzibandakanye kwiProjekthi iDRDLR REID – apho kuqalwa ngokulima iihektare ezingama-25 kunyaka wokuqala, iihektare ezingama-60 kunyaka wesibini kanti ngoku kulinywa iihektare ezingama-66. Unyaka ngamnye ube nempumelelo kakhulu. Ngenxa yokuzimisela nokusebenza nzima lo mlimi ubonise abanye abalimi abatsha into enokwenziwa xa umntu efumene ithuba.

Inqaku linikelwe nguLiana Stroebel,
uMququzeleli wePhondo waseGrain SA,
eNTshona Koloni. Ngeenkukacha ezithe
vetshe, thumela i-imyeyle apha
liana@grainsa.co.za.



THIS PUBLICATION IS
MADE POSSIBLE BY THE
CONTRIBUTION OF
THE MAIZE TRUST